XHOSA

# 2018 UHLAHLO LWABIWO MALI

# UMKHOMBANDLELA WOLUNTU

Eli phepha lipapashwe ngokubambisana phakathi kwa bakwa-National Treasury nabakwa- South African Revenue Service

**ISSUED BY:** National Treasury
Tel: (012) 315 5757
www.treasury.gov.za

national treasury
Department:
National Treasury
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**Yintoni uhlahlo lwabiwo Mali?**

Rhoqo ngoFebruary, uMphathiswa weZemali ubhengeza uhlahlo-lwabiwo mali lukarhulumente olubandakanya indlela urhulumente azakusebenzisa ngayo imali, irhafu kunye nendlela azakuboleka imali ngayo kwiminyaka emithathu ezayo. Olu lwabiwo mali lukazwelonke lucacisa indlela ezakwabiwa ngayo imali phakathikwamanqanaba karhulumente, ukususela kuzwelonke, amaphondo nomkhandlu-dolophu.

**ULUHLU**



2

1. Umyalezo ka mphathiswa
2. Ukonyusa ithemba kuqoqosho nokudala imisebenzi
3. Ukuphucula indlela esetyenziswa ngayo imali namaziko ophuhliso



3


1. Ukuhlangabezana nengxaki yembalela
2. Imfundo yasimahla kubafundi abasuka kumakhaya ahluphekayo nabarhola kancinci
3. Ivela phi imali karhulumente kwaye izakusetyenziswa njani ngo 2018/19?

4 %

1. Iinguqu kwirhafu yomvuzo
2. Amazinga amatsha erhafu
3. Ukunyuka kwerhafu kwiziselo zomdiliya omfaxangiweyo kunye ne cuba
4. Ukunyuka kwe rhafu yamafutha eenqwelo

## LUHLELWA NJANI ULWABIWO MALI

① Ekuqaleni kuye kukhutshwe imigaqo echaza iinkcukacha ezifunekayo kuhlahlolwabiwo-mali
② Amasebe ka rhulumente ahlengahlengisa iinkqubo zawo, enze nengcaciso yendlela yokusetyenziswa kwemali kwanezibophelelo kwiinkonzo zezibonelelo zoluntu.
③ Iziphakamiso zemali zithunyelwa kwisebe lezezimali iNational Treasury apho ziyakuxoxwa nzulu khona.
④ Iqumrhu labaphathi jikele, (Director-Generals) bamasebe ahlukeneyo; liqwalasela ezi mfuno zemali.
⑤ Emva koko eliqumrhu liye licebise abaphatiswa abakumqumrhu oqengqu mali.
⑥ I Medium Term Budget Policy Statement, yinkcazo yomgaqo-nkqubo karhulumente yohlahlolwabiwo-mali yeminyaka emithathu ezayo.
⑦ Izigqibo zohlahlo lobiwo mali oligqibeleleyo zenziwa kwi Khabinethi.
⑧ Emva koko kubhalwa iincwadi zolwabiwo mali.
⑨ Ulwabiwo mali luye lubekwe phambi kwePalamente
⑩ iPalamente iye iyishukuxe ize iluphumeze oluhlahlolwabiwo mali.
⑪ Ekugqibeleni uhlahlolwabiwo mali luthunyelwa kuMongameli yena athi alutyikitye ngokwasemthethweni.



# UKUBEKA INGXOWA YOMZANTSI AFRIKA KWIQONDO ELINENKQUBELA

**Sekulithuba elide urhulumente echitha imali engaphezu kwaleyo ingenileyo, lonto eyanza ukuba izinga letyala lelizwe linyuke.**

Uqoqosho lunyuka ngezinga eliphantsi, oku kudalwa kukuncipha kwethemba koosomashishini naku batyali-mali. Ku hlahlo lwabiwo-mali luka Oktober (2017 Medium Term Budget Policy Statement), urhulumente wabhengeza umbono wetyala lesizwe elingazinzanga. Lona olu hlahlo lwabiwo-mali luka 2018 luza neziphakamiso ezizokonyusa ithemba elitsha ngokuzisa uzinzo kwingxowa mali yelizwe.

U Mzantsi Afrika unethuba lokwakha phezu kwethemba elidalwe ziingunqu ezenzekileyo kwezinyanga zimbalwa zidlulileyo. Uqoqosho luqhube kakuhle kunoko bekulindelekile, kungoko kulundeleke ukuba lukhule nge 1 pesenti ngo 2017, 1.5 pesenti ngo 2018 ne 2.1 pesenti ngo 2020. Elizinga lokonyuka koqoqosho lwamkelekile kodwa ke lisacotha kakhulu ekusombululeni intswelo-ngqesho nendlala. Lonto ethi yenze kubenzima kurhulumete ukuba afikelele apho ajolise khona malunga nengxowa mali yelizwe.

Iziphakamiso zohlahlo lwabiwo mali ziquka ukuphucula ingxowa mali yelizwe ngokuthi kunyuswe irhafu, kwehliswe uchitho mali kuze kujoliswe kwiinkonzo ezibalulekileyo. Urhulumente uzakunyusa irhafu nge R36 billion ngokuthi anyuse izinga lerhafu yentengo nge 1 pesenti ukuya kwi 15 pesenti aze ahlengahlengise nakwezinye iirhafu. Ukonyuswa kwerhafu yentengo akuzubanalwamvila ekhukhuleni koqoqosho kwixesha elizayo. Kuza kuncitshiswa ukusetyenziswa kwemali nakwezinye iinkonzo zikarhulumente ukuze imali ifakwe kwiinkonzo ezibalulekileyo eziquka imfundo ephakamileyo yesimahla kwiminyaka emithathu ezayo. Nangona kukho ezinguqu zibaliweyo, urhulumente kusafanele ukuba aboleke i R191 billion koluhlahlo lwabiwo-mali luka 2018/19. Kodwa naxa kunjalo, ityala lelizwe likwizinga elilawulekayo. Inyathelo lokuqala kukuzisa uzinzo kuhlahlolwabiwo mali ukuze uqoqosho lubuyele esimeni esingcono ngokukhawulezileyo.

> ‘ **Inyathelo lokuqala kukuzisa uzinzo kuhlahlolwabiwo mali ukuze uqoqosho lubuyele esimeni esingcono ngokukhawulezileyo** ’

Kwaye, urhulumente uzakusebenza ngokuzimisela ukuzisa umgaqo-nkqubo wozotshintsho kwakunye nolawulo olungcono nempatho elungileyo kwiinkampani zikarhulumente (SOCs), lonto ithi ixhase ukukhula koqoqosho. Nangona luthe lwaphucuka kancincakane izinga lokukhula koqoqosho, busebuninzi ubungozi. Ubungozi obuquka ukuqokelela irhafu enganelanga, uqoqosho olukhula ngezinga eliphantsi, kwakunye nengxowa yemali ebuthathaka kwiinkampani zikarhulumente (SOCs). Uzinzo kwimigaqo-nkqubo yezotshintsho lubalulekile ekuziseni intembeko nasekudaleni inxhaso yokukhulisa utyalo-mali ■



# UMYALEZO KAMPHATHISWA

**Kubemi belizwe lethu (kubemi boMzantsi Afrika). Lifikile ixesha lokuba urhulumente athethe nesizwe malunga nendlela yokuba zizakusetyenziswa njani irhafu kule minyaka imbalwa izayo.**

Kulonyaka ka 2018, urhulumente uzakugxininisa ekubeni oosomashishini nabatyali zimali babucala babenethemba kuMzantsi Afrika ngokuthi alungise indlela ekusetyenziswa ngayo imali.

Ithuba lifikile lokuba urhulumente asebenze ngokuzimisela ukuze imali yelizwe yonele ekuhlangabezeni iimfuno zelizwe. Ukuba imali karhulumente iyazonela iimfuno zelizwe, lonto ithetha ukuba urhulumente uzoboleka imali encinane kwaye kusale imali eninzi yokuhlangabezana neemfuno zoluntu eziquka imfundo ekwiqondo eliphezulu, ezempilo nezentlalakahle.

Sifuna ukugxininisa ekuvuleni amathuba emisebenzi nengqesho ukuze kuphungulwe izinga labantulabantu abaxhomekeke kwizibonelelo zikarhulumente. Urhulumente ulukhathalele uluntu, nangona uqoqosho luntengantenga urhulumente uzimisele ukuba ahoye lonke uluntu oluhluphekayo. Kulonyaka ka 2018, urhulumente uzokonyusa izibonelelo ngezinga eliphezulu kunakuqala ukuze abantu bangaluva ulwamvila lokonyuka kwerhafu yentengo ezakubhengezwa kulonyaka.

Urhulumente ukwazimisele ekuphuculeni izinga lemfundo nokufikeleleka kwimfundo. Kungoko ke emva kokuba obefudula enguMongameli uZuma wabhengeza imfundo yasimahla ephakamileyo ngo December 2017, kuzakubekwa bucala imali engange R57 billion ukuxhasa lombono wemfundo ephakamileyo yasimahla eminyakeni emithathu ezayo.

Masisebenzisaneni, urhulumente, oosomashishini, abasebenzi noluntu lonke ukuphucula uMzantsi Afika nokuqinisekisa ukuba ilizwe lethu, ilizwe lazozonke iintlanga liyaphumelela ▪

# UKONYUSA ITHEMBA KUQOQOSHO NOKUDALA IMISEBENZI



**Utyalo-mali labucala eMzantsi Afrika luthe lwehla ukususela ngonyaka ka 2015 ngenxa yoosomashishini nabathengi abangakholelwayo kuqoqosho lwelizwe. Olu hlahlo lwabiwo mali luka 2018 lubhengezwa ngexesha apho kukhona ithuba lokubuyisa intembeko kuze konyuswe izinga lokukhula koqoqosho.**

Kulindeleke ukuba urhulumente agqibezele imigaqo-nkqubo yotshintsho, abhangise ubuqhopholo eburhulumenteni nakosomashishini babucala ze aphale ekulungiseni iindlela eziphethwe ngayo iinkampani zikarhulumente (SOCs).

Ukuze kunyuke uqoqosho, kudalwe amathuba emisebenzi, urhulumente usebenzisana nemibutho eyahlukeneyo. Ezinkqubo ziquka oku kulandelayo:

- I Financial Sector Code ezakudala amathuba wobonelelo lwezindlu ngexabiso elifikelelekayo, ukuxhasa oosomashishini abasakhasayo nokuxhasa abalimi abamnyama.
- Ngo 2017 kuye kwa nikwa i licence ye banki ku Discovery Bank kunye no Tyme Digital. U Bank Zero usekumanqanaba aphantsi wokuthi afumane ilicence. Kuye kwabakho uphuhliso nakwi licence yase Post Bank. Ezi banki zintsha zizisa iinguqu kwibanki ngokuthi kubekho iibanki ezininzi ukuze uluntu lukwazi ukuzikhethela.
- I Youth Employment Service (YES) iqumrhu elijoliswe ekuphuculeni izakhono zolutsha oluhlelelekileyo lizakuqala ngo March 2018 kwaye kulindeleke ukuba kudaleke amathuba emisebenzi ayi 40 000.
- I Small Business and Innovation Fund, yinkqubo esekwe ngurhulumente ukuze kuxhaswe ngezimali amacebo okuqala kwamashishini kwakunye nalawo asakhasayo.

Urhulumente uzakuvelisa iinkqubo ezinesiqinisekiso ukuze kwakheke ithemba kubemi nakubatyali mali. Urhulumente uzimisele ukuphuhlisa utyalo mali kwiinkonzo zeemfonononono, ezemigodi, umbane kunye nakwiinkonzo zezithuthi ▪

# UKUPHUCULA INDLELA ESETYENZISWA NGAYO IMALI NAMAZIKO OPHUHLISO

**I National Development Plan ithi ukuze koyiswe intswelo ngqesho, indlala nokungalinganwa, kufuneka kubekho utyalo mali olubonakalayo kwiinkqubo zophuhliso.**

I Budget Facility for Infrastructure (BFI) yinkqubo yotshintsho esekwe ngurhulumente ejoliswe ekuphuculeni indlela ekusetyenziswa ngayo imali kwiinkqubo zophuhliso loluntu. Isigaba sokuqala se BFI seluqalile ukuhlangabezana nobuthathaka kumalungiselelo wenkqubo zophuhliso. Isigaba esilandelayo, sizakuqhubeka sixhasa ezinkqubo ngokuthi kwenziwe amalungiselelo asemgangathweni kwiintengo zikarhulumente nasekufezeni inkqubo zophuhliso eluntwini. Olu hlahlo lwabiwo mali luka 2018 lubeke bucala imali yemisebenzi esafuna ukusetyenzwa phambi kokuba inikwe inxaso ngabatyali mali ▪

# IMALI YETHU NE NATIONAL TREASURY ZIMANYENE NOKUSEBENZISANA NOLUNTU: ULWABIWO MALI YOLUNTU

**Kulonyaka udlulileyo, IMALI YETHU liqumrhu lemibutho yasekuhlaleni eyi Civil Society Organisations (CSOs) isebenzisene ne National Treasury ukuze iinkcukacha zohlahlo lwabiwo mali lufikeleleke kubemi bonke boMzantsi Afrika.**

Eliqumrhu libizwa vulekamali lizakubhengezwa apha ku February 2018. Lentsebenziswano ibalulekile kuzo zonke ii CSOs ezibandakanyekayo nakubemi beli. Intsebenziswano phakathi kwamasebe onke karhulumente ingenza kubekho isifundo malunga nemali yelizwe kubelubala ukuze abantu bayazi imali yabo isetyenziswa kanjani na.

Nangona uMzantsi Afrika eqenqeza phambili ngokubonisa uluntu ukuba imali isetyenziswa njani, eli lithuba loku sebenzisana noluntu lonke, ulutsha kunye nabantu abadala. Sikholelwa ekubeni uhlahlolwabiwo mali malubandakanye lonke uluntu kwaye uluntu funeka lubenezimvo kuhlahlo lwabiwo mali ▪

# UKUHLANGABEZANA NENGXAKI YEMBALELA

**Amaphondo eli aliqela aquka iNtshona Koloni nezinye iindawo eziseMpuma Koloni zihlaselwe yimbalela.**

Urhulumente uzimisele ekuqinisekiseni ukaba amanzi awapheli nasekubeni kusekwe amaziko azakuqinisekisa ukuba kuzakusoloko kukho amanzi. Okwangoku amanzi ayankinkishwa ukuze angamoshwa ngakumbi eNtshona Koloni. Olu hlahlo lwabiwo mali luka 2018 lubeke bucala imali ukuze kwakhiwe amaziko okuqinisekisa ukuba kusoloko kukho amanzi. Urhulumente uzimisele ukulondoloza amanzi ukuze kuqinisekiswe ukuba imfuno zoluntu ezibalulekileyo ziyasingathwa ngoku kusajongwe isisombululo sexesha elide ▪



# IMFUNDO YASIMAHLA KUBAFUNDI ABASUKA KUMAKHAYA AHLUPHEKAYO NABARHOLA KANCINCI

**Ngo December 2017, uMongameli uZuma wabhengeza imfundo ephakamileyo yasimahla noqeqesho lwabafundi abaphuma kumakhaya afumana umvuzo ongaphantsi kwe R350 000 ngonyaka. Ukuhlangabezana nezi zandululo, urhulumente wongeze iR57 billion kuhlahlo lwabiwo-mali kuleminyaka mithathu ilandelayo. Lemali iquka ukuxhasa iiyunivesiti ukuze zingonyusi imali ebhatalwa ngabafundi abaphuma kumakhaya anomvuzo ongange R350 000 ukuya kwi R600 000 ngonyaka.**

I National Student Financial Aid Scheme (NSFAS) izakubonelela abafundi abangeka thweswa ziidanga kwii yunivesiti kwakunye nee Techinical and Vocational Education and Training (TVET) abaphuma kumakhaya anemivuso engange R350 000 ngonyaka. Esisibonelelo sizakuhlangabezana nazo zonke imfuno zomfundi eziquka imali yemfundo, iincwadi, inxhaso yokutya, indawo yokuhlala kunye nemali yokuya esikolweni. Kunyaka wokusekwa kwesisibonelelo (2018) kuzakuxhaswa abafundi bonyaka wokuqala ze kunyaka wesibini kuxhaswe nabenza unyaka wesibini. Ngo 2019, kuzakuxhaswa abafundi bonyaka wokuqala nabafundi abakunyaka wesibini. Imithetho yesisibonelelo isekwe lisebe lemfundo ephakamileyo.

Abafundi be NSFAS ababuyela kunyaka wesibini, wesithathu nowesine eyunivesiti (abasuka kwiintsapho ezirhola ngaphantsi kwe R122 000 ngonyaka) lemali mboleko izakuguqulwa yenziwe isibonelelo semfundo ngaphantsi kwalamithetho yayibekiwe ngexesha bafumana esisibonelelo. Lomthetho awubandakanyi abafundi be TVET abakwi NSFAS ngoba bona besele befumana isibonelelo semfundo engeyiyo imali mboleko ▪


# IVELA PHI IMALI KARHULUMENTE KWAYE IZAKUSETYENZISWA NJANI NGO 2018/19?

**Imali esetyenziswa ngurhulumente ivela kwi rhafu. Urhulumente unesiphakamiso sokonyusa irhafu yentengo kwanezinye iirhafu.**

Kwaye kulindeleke ukuba i R1.345 trillion iqokelelwe ngo 2018/19.

Urhulumente uzokusebenzisa iR1 345 trillion. Njengokuba imali eqokelelweyo ingazokwanela, urhulumente kulindeleke ukuba aboleke i R191 billion ngo 2018/19 ▪

| INGENISO YERHAFU (R billion) | 2018/19 | % |
|---|---|---|
| IRHAFU YOMVUZO | 505.8 | 37.6 |
| IRHAFU YAMASHISHINI | 348.1 | 25.9 |
| IRHAFU YENTENGO | 231.2 | 17.2 |
| IRHAFU YEMPAHLA ENGENA ELIZWENI | 84.8 | 6.3 |
| IRHAFU YAMAFUTHA EENQWELO | 77.5 | 5.8 |
| EZINYE | 97.4 | 7.2 |
| **XAZIPHELELE** | **1 345.0** | **100.0** |




# UKUBONELELA ABAHLUPHEKAYO NGEZE NTLALONTLE



Inani labemi bo Mzantsi Afrika abazakufumana isibonelelo sikarhulumente lizakufika ku **18.1 million** ngo nyaka ka 2020. Koluhlahlo lwabiwo mali luka 2018, urhulumente uzakunyusa izibonelelo ngezinga eliphezulu kunakuqala ukuze abahluphekileyo bangaluva ulwamvila lokunyuka kwe rhafu yentengo. Lonto ithetha ukuba ngo 2018/19, inxhaso mali yabantwana izakunyuka nge R25 ngenyanga ize eyabakhulisa abantwana abangengabo inyuke nge R40. Isibonelelo sabantu abadala sizokunyuka nge R95 ngenyanga ngo 2018/19 ▪

| | 2017/18 | 2018/19 |
|---|---|---|
| INXASO MALI YABADALA | R1 600 | R1 695 |
| EYABADALA ABANGAPHEZU KWE 75 | R1 620 | R1 715 |
| EYAMAGORHA EMFAZWE | R1 620 | R1 715 |
| EYABAKHUBAZEKILEYO | R1 600 | R1 695 |
| EYABAKHULISA ABANTWANA ABANGENGOBABO | R920 | R960 |
| ABAGCINA IIMBEDLENGE | R1 600 | R1 695 |
| INXASO MALI YABANTWANA | R380 | R405 |

# 2018 BUDGET | IZICWANGISO ZERHAFU

SARS At Your Service

**Intela ekhokhwa abasebenzayo**

## IINGUQU KWIRHAFU YOMVUZO ZIKUCHAPHAZELA NJANI?

Oluhlahlolwabiwo mali luka 2018 luza neenguqu kwirhafu yomvuzo eziquka umnyenyiso kwisibiyeli serhafu yamazinga aphantsi ukuze kuthomalale ulwamvila lokonyuka kwamaxabiso kubantu abanemivuzo ephantsi.

Umvuzo umntu athi awurhole phambi kokuba anyanzeleke ukuba ahlawule irhafu unyenyiswe ngoluhlobo kunyaka oqala 1 March 2018 ukuya ku 28 February 2019.

| AMANQANABA ERHAFU | UNYAKA: 2017/18 | UNYAKA: 2018/19 |
|---|---|---|
| Ngaphantsi kweminyaka eyi 65 | R75 750 | R78 150 |
| Iminyaka eyi 65 ukuya ku 74 | R117 300 | R121 000 |
| Iminyaka eyi 75 nangaphezulu | R131 150 | R135 300 |

*Imali entsha yomrholo emiselwe ukuba umtu angabhatala irhafu izakunyuka xakubuyiswa imali yerhafu*

| IRHAFU YOBUYISO MALI | UNYAKA: 2017/18 | UNYAKA: 2018/19 |
|---|---|---|
| Eyokuqala (iminyaka engaphansti kwe 65) | R13 635 | R14 067 |
| Eyesibini (iminyaka eyi 65 ukunyuka) | R7 479 | R7 713 |
| Eyokuhqibela (aiminyaka eyi 75 and ukunyuka) | R2 493 | R2 574 |

**Izintela ezikhokwayo**

## AMAZINGA AMATSHA ERHAFU

Intela ezokhokhwa kulonyaka wentela oyophela ngo-28 February 2019 ikanje:

| IRHAFU YOMVUZO YABASEBENZI (R) | IRHAFU EHLAWULWAYO (R) |
|---|---|
| 0 kuya ku 195 850 | 18% yomvuzo |
| 195 851 - 305 850 | 35 253 + 26% yomvuzo ngaphezu kwe 195 850 |
| 305 851 - 423 300 | 63 853 + 31% yomvuzo ngaphezu kwe 305 850 |
| 423 301 - 555 600 | 100 263 + 36% yomvuzo ngaphezu kwe 423 300 |
| 555 601 - 708 310 | 147 891 + 39% yomvuzo ngaphezu kwe 555 600 |
| 708 311 - 1 500 000 | 207 448 + 41% yomvuzo ngaphezu kwe 708 310 |
| 1 500 001 nangaphezulu | 532 041 + 45% yomvuzo ngaphezu kwe 1 500 000 |
| Ii thrasti ngaphandle kwezo zikhethekileyo | Izinga le rhafu 45% |

Olu hlahlolwabiwo mali luzakonyusa imali yerhafu efumaneka kwi medical scheme ukusukela kwi R303 ukuya ku R310 ukuze kuxhamle ababini kusapho, ze isuke ku R204 ukuya ku R209 ixhase abo balandelayo. Ezi mali zinyusiweyo ziza kubhatalwa ukususela ngo 1 March 2018.

### IRHAFU YENGENISO: IINKAMPANI

Unyaka mali ophela nangaluphi na usuku phakathi kuka 1 April 2018 no 31 March 2019.

| Uhlobo | Izinga le rhafu (R) |
|---|---|
| Iinkampani | 28% yengeniso ehlawulelwa irafu |

### IRHAFU YENGENISO: AMASHISHINI AMANCINANE

Unyaka mali ophela nangaluphi na usuku phakathi kuka 1 April 2018 no 31 March 2019.

| Irhafu yomvuzo (R) | Izinga le rhafu (R) |
|---|---|
| 0 – 78 150 | 0% yengeniso ehlawulelwayo |
| 78 150 – 365 000 | 7% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 78 150 |
| 365 001 – 550 000 | 20 080 + 21% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 365 000 |
| 550 001 nangaphezulu | 58 930 + 28% yengeniso ehlawulelwayo engaphezu kwe 550 000 |

### IRHAFU YENGENISO: AMASHISHINI AMANCINCI KAKHULU

Unyaka mali ophela nangaluphi na usuku phakathi kuka 1 March 2018 no 28 February 2019.

| | |
|---|---|
| 0 – 335 000 | 0% yengeniso yonyaka ehlawulelwa irhafu |
| 335 001 – 500 000 | 1% yengeniso yonyaka ehlawulelwa irhafu engaphezu kwe 335 000 |
| 500 001 – 750 000 | 1 650 + 2% yengeniso yonyaka ehlawulelwa irhafu engaphezu kwe 500 000 |
| 750 001 and above | 6 650 + 3% oyengeniso yonyaka ehlawulelwa irhafu engaphezu kwe 750 000 |

**Irhafu yentengo (VAT)**

## IRHAFU EDITYANISWE EMAXABISWENI

Irhafu yamaxabiso izokonyuka ukusukela ku 14 yepesenti ukuya ku 15 yesenti nge 1 April 2018.

**Irhafu kaphethiloli**

## UKUNYUKA KWE RHAFU YAMAFUTHA EENQWELO

Irhafu yamafutha eenqwelo izokonyuka nge 22 sentit ilitha ze irhafu yeengozi zendlela yokonyuke nge 30 senti. Lonto ethi inyuse:

- irhafu yamafutha enqwelo ibeyi R3.37 ilitha ye petroli ze ibeyi R3.22 ilitha ye dizili.
- Irhafu yeengozi zendlela izokonyuka ukuya ky R1.93 ilitha yepetroli kwane yedizili *ukususela kumhla ka 4 April 2018.*

**Irhafu yomdiliya omfaxangiweyo necuba**

## UKUNYUKA KWERHAFU KWIZISELO ZOMDILIYA OMFAXANGIWEYO KUNYE NE CUBA

Irhafu ezithile kumdiliya omfaxangiweyo zizokonyuka phakathi kwe 6 ne 10 pesenti kwaye iirhafu ezithile kwi cuba zizakonyuka nge 8.5 pesenti. Okukonyuka kwerhafu kuhamba ngoluhlobo:

| | KUZONYUKA NGE: |
|---|---|
| Ibhiya | 15c inkonxa engu 340ml |
| Iwayini engamfaxangwanga | 23c ibotile engu 750ml |
| Iwayini emfaxangiweyo | 28c ibotile engu 750ml |
| Iwayini ehlwahlwazayo | 73c ibotile engu 750ml |
| Utywala obenziwe ngeziqhamo | 15c ibotile engu 340ml |
| Ezikrakrayo | R4.80 ibotile engu 750ml |
| Icuba | R1.22 ipakethi ena 20 |
| Icuba elingumgubo | R1.37 ipakethi engu 50g |
| Icuba lenqawa | 39c ipakethi engu 25g |
| Ii- Cigars | R6.45 ipakethi engu 23g |

**Irahafu yezindlu neyeminikelo**

## IRHAFU YEZINDLU NEYEMINIKELO

- Ukususela kumhla ka 1 March 2018 irhafu ehlawulelwa indlu exabisa ngaphezu kwe R30 milliom izorhafa izinga elingaphezu kwe 25 pesenti kune 20 pesenti erhafelwayo ngoku.
- Iminikelo exabisa ngaphezu kwe R30 million izakurhafelwa izinga elingange 25 pesenti kune 20 pesenti erhafelwayo ngoku.